

POSSIBLE ANSWERS FOR:

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
UHLELO OLUPHAKAMILEYO
(Iphepha Lesithathu)

ICANDELO A

UMBULO 1

UBUCHULE BOKUBHALA ISINCOKO NENDLELA YOKUPHONONONGA

| | ibakala 1 ukufikelela ngqo kwisihloko. - isihloko esivuselela umdla. | ibakala 2 ukufikelela ngokwanelisayo kwisihloko nobuchule ekutolikeneni isihloko. | ibakala 3 ukufikelela kwisihloko, kodwa ingabonakalisi buchule namdla. | ibakala 4 uphumile kwisihloko tu. umxholo ongangqalanga | ibakala 1 ukufikelela ngqo kwisihloko, - ubuchule ekuyileni |
|---|---|--|---|--|--|
| 1 | 1 | 3-4 | 2 | 1 | 5 |
| 2 | Ilevel 1 - Impazamo ezimbalwa kakhulu zokupelwa kwamagama - Isigama esihle. - Ingcaciso yamazwi anka umdla. - Ukusetyenziswa ngendlela efanlekileyo yeziphumlisi. | Ilevel 2 - Impazamo ezimbalwa zakkupelwa kwamagama - Amagama afanelekileyo. - Ingcaciso yamazwi avumelekileyo. - Impazamo ezisabalwa zeziphumlisi. | Ilevel 3 - Impazamo ezininzo zokupelwa kwamagama - Amagama angafanelekanga - Ingcaciso yamazwi enganiki umdla - Ukungasetyenziswa ngendlela efanlekileyo kweziphumlisi. | 7/8 | 1-3 |
| 3 | Ukwakhiwa. Kwesivakalizi Ukusetyenziswa kolwimi | - Ukuthungelelana kwezivakalizi ezahlukileyo nokwakhiwa kwazo - Indlela ecacileyo yokusetyenzisa kolwimi | - Izivakalizi ezipheleleyo - Indidi zezivakalizi ezahlukileyo - Ukusetyenziswa kakuhle kwezivumelanisi nezimelabizo | - Izivakalizi ezingaphelelanga - Imiyalelo engeyiyo yokusetyenziswa kolwimi ekuxhomekeka ekuqandeni umxholo | 1/3 |
| | 7/8 | 4/6 | 4/6 | 1/3 | |

| | | | | |
|---|------------------------|--|---|--|
| 4 | Ukwahlulwa kwemihlathi | <ul style="list-style-type: none"> - Ukwahlulwa kwemihlathi kakuhle nobude bawo. - Umanyano lokufikelela kwisihloko - Umanyano lwemihlathi nezivakalisi usebenzisa ukulandelelana kwezihlanganisi | <ul style="list-style-type: none"> - Ukulinga ukukwahlula imihlathi - Umanyano lokufikelela kwisihloko olungenampumelelo. - Intshayelelo, isiqu, isiphelo esibubungqina. 3/5 | <ul style="list-style-type: none"> - Akukho kwahlulwa hlulwa kwemihlathi izivakalisi eziqukethe ngaphezu kwegngcinca enye - Akukho bungqina obubonakalayo bentshayeleyo, isiqu kunye nesiphelo 1/2 |
| | | 6/7 | 3/5 | 1/2 |
| 5 | Intshayelelo | <ul style="list-style-type: none"> - Intshayelelo efanelekeleyo, ebambekayo | <ul style="list-style-type: none"> - Emfutshane. - Eneziquhamo. | <ul style="list-style-type: none"> - Ende. - Ecubhulayo |
| | | 5/6 | 3/4 | 1/2 |
| 6 | Isiqu | <ul style="list-style-type: none"> - Ukulandelelana kweziganeko ezithi zakhe - Ilojiki ekufikeleleni kuvuthondaba olunomdla. | <ul style="list-style-type: none"> - Ukuzama ukulandelelwa iziganeko ezithi zifikelele kuvuthondaba oluvakalayo. | <ul style="list-style-type: none"> - Uluhlu lweziganeko ezingavakaliyo eziswele ukulandelelaniswa kakuhle. - Akukho kufikelela kuvutho ndaba. |
| | | 4/5 | 3/4 | 1/2 |
| 7 | Isiphelo | <ul style="list-style-type: none"> - Isiphelo esivakaleyo esiqukumbela ibali ngomdla | <ul style="list-style-type: none"> - Isiphelo esiswele umdla. | <ul style="list-style-type: none"> - Akukho siphelo - Ezikhoyo isiphelo sisiphelo nje esiqetyiweyo. |
| | | 5/6 | 3/4 | 1/2 |

AMANQAKU: 40

ICANDELO B**UMBULO 2**

**INDLELA YOKUPHONONONGA UBUCHULE BEMPENDULO YENCWADI
INDIMA EDLALAYO, IDAYARI ENTRI, UMBONGI,
INQAKU LENDABA, ISIGXEXO-SINCOMO, ISINCOKO NGXOXO, UMPHANGA OSHICILELWEYO, ILETA).**

| | INDLELA YOKUPHONONONGA | ILEVELI 1 | ILEVELI 2 | ILEVELI 3 | ILEVELI 4 |
|--------------------|---|--|--|--|---|
| 1 | Into ekhoyo ngqo elikhokco incwadi | Onke amanqaku afunekayo afakiwe kukuhle | - Uninzi lwamanqaku afunekayo athe ngqo - Ambalwa amanqaku ashiyiwe | Amanye amanqaku athe ngqo - ambalwa nagathanga ngqo | - Ambalwa amanqaku athe ngqo - Amanzi amanqaku ashiyiwe. |
| | (6) | (6) | 4-5 | 2-3 | |
| 2 | Indlela eyiyo yokuyila | Ukuyila okuphezulu okukungenisa kwinto entsha | Isiphiwo esingqindelana nento ekhoyo | Usiphiwo sokuyila esincinane kakhulu 2-3 | Akukho siphiso sakuyila kwaphela |
| | (6) | (6) | 4-5 | 2-3 | 1 |
| 3 | Ifomati | Ukubambelela ngqo kwifomati | Ukubambelela kakuhle kwifomati | Inxalenye ibambebele kwifomati | Akukho kubambelela kwaphela kwifomati |
| | (2) | (2) | 1½ | 1 | ½ |
| 4 | - Imvakalazi eyiyo - Isimbo skubhala - Ingcaciso-mazwi - Ukufaka iziphumlisi - Isakhiwo | - Ukumanyana ngqo okufanelekiyo kwenadi zezivakalisi - Isakhiwo esibonakalayo nokusetyenziswa kolwimi kakuhle kungekho zipheme ekubambeni izivakalisi | - Izivakalisi ezifanelekileyo - Iindidi zezivakalisi ezisetyenzisiweyo. | - Inxalenye ayifanelekanga - Izivakalisi ezingaphelanga ezibhadulayo | - Akukho kufaneleka kwaphela. - Ukwakhiwa kwezivakalisi |
| | (6) | (6) | 4-5 | 2-3 | 1 |
| AMANQAKU 20 | | | | | |

INDLELA YOKUPHONONONGA UKUBHALWA KWENCWADI (ILETA).

UHLELO OLUPHAKAMILE

| | | | | | |
|---|---|---|--|---|---|
| 1 | Indlela eyiyo ye: Dilesi Isibuliso Isiphelo | Ibakala 1 100% ukugqibelela Indlela efunekayo Yokubhala | Ibakala 1 Izifinyezo/Iziphumlisi kwidilesi. Ukutsitywa komgca apho kuyimfuneko. Ukusetyenziswa kukanobumba ngendlela engeyiyo | Ibakala 1 Iimpazamo ezimbalwa kwindawo ezithile: Izifinyezo / Iziphumlisi. kwidilesi. nomhla Ukungakrwelewa komgca kwisihloko. Isibuliso nesiphelo esingalunganga | Ibakala 1 Iimpazamo ezininzi kuyo yonke indawo. Izifinyezo / Iziphumlisi. kwidilesi. Ukushiywa kwekhodi, umhla, isihloko sesivakalisi. Isibuliso esingafanelekanga nesiphelo. |
| 2 | (3) Indlela eyiyo, yorhwebo / yobuhlobo | (3) 100% eilingileyo Indlela efunekayo yokubhala | (2) Indlela efunekayo yokubhala. Indlela ezimbalwa zobume -- umgca ongatsityewangwa apho kuyimfuneko | (1) Indlela eyiyo kodwa enempazamo ezimbalwa, Izinto ezishiyiweyo kubume | $\frac{1}{2}$ Indlela esmthethweni yokubhalwa kwencwadi yobuhlobo endaweni yasemthethweni. |
| 3 | (2) Indlela eyiyo - Yokubhala - Imvakalo-zwi - Ingcaciso mazwi Iziphumlisi, ub ume bezivakalisi, I | 2 - Indlela egqibeleleyo yokubhala, ingcaciso mazwi nemvalalizwi - Indidi zezivakalisi - Ezahlukeneyo - Ukwakhiwa. - Indlela ecacileyo yokusetyenziswa. kol | $\frac{1}{2}$ - Indlela eyiyo yokubhala Ingcaciso mazwi - Ubuchule bokulungisa mabufikelelwe ngempumelelo - Izivakalisi ezipheleleyo - Indidi zezivakalisi Ezisetyenzisiweyo. | 1 - Ukuzama ubuchule bokulungisa - Isiphelo esingenasi sombululo. - Izivakalisi Ezingaphelelanga - ukulinga okungacacanga | $\frac{1}{2}$ - Indlela engeyiyo kwaphela okanye imvakalo-zwi engeyiyo. Izivakalisi ezakhiwe ngokungacacanga nemihlathi |

| | | | | | |
|---|---|--|---|--|---|
| | Iziphumlisi, ub ume bezivakalisi, I mihlathi | - Indidi zezivakalisi - Ezahlukileyo - Ukwakhiwa. - Indlela ecacileyo yokusetyenziswa. kolwimi kungekho ziphene kwisintakisi | - Izivakalisi ezipheleleyo - Indidi zezivakalisi Ezisetenyenziweyo - Imihlathi eyahlukeneyo yesiqu seleta | Ezingaphelelanga - ukulinga okungacacanga efkwahlukaniseni imihlathi yesiqu seleta. | |
| | | 9-10 | 6-8 | 3.5 | 2 |
| 4 | Ukuncamathela ngqo kwisihlalo | - Ukuncamathela ngokuzenzeleyo kwisihloko - Umxholo ofanelelaleyo - Ukufikelela Ngokupheleleyo kwinjongo | - Ukufikelela kakhulu kwisihloko - Ukufikelela ngempumelelo kwinjongo | - Ukuceba kwisihloko - Ukuswela inkcazelo - Ukunga ohumeleli Ekufikeni kwinjongo | - Ukuphetha uphumile kwisihloko - Umxholo ongafanelekanga - Ukungenziwa ngqo kwengongoma ephathele kwisihloko |
| | 5 | 5 | 3-4 | 2 | 1 |
| | Amanqaku: 20 | | | | |

ICANDELO B**UMBUZO 2**

2.3.1

INDLELA YOKUPHONONONGA UKUBHALWA KWEMIHLATHI EBHALWAYO
(Ukuzaliswa kweFomo, I meyili, Memorandu, Ucingo, Izibhengezo, Imizuzu, obituary, ingxelo, irivyu, i-agenda, ukuzaliswa kwedayari)

UHLELO OLUPHAKAMILEYO

| 1 | indlela eyiyo yokubhala (nje ngomzeleko othile) | Ibakala 1 Ukufikelela/kwindlela yokubhala (ifomati) ngokupheleleyo | Ibakala 2 Ifomati ayiyo | Ibakala 3 Ukwayama kancinci kwifomati | Ibakala 4 Akukhokwayama |
|---|--|--|--|--|--|
| | (2) | 2 | 1½ | 1 | ½ |
| 2 | Imvakalao-zwi eyiyo - Ukubhala - Ingcaciso - Iziphumlisi - Ukwakhiwa | - Ukubunjwa kweyantlu kwano yeendidi zezivakalisi - Ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi olucacileyo nokungabikho kweziphene kwisintaksi | - Ukulunga nokubhalwa kwezivakalisi ezileleyo - Ukusetyenziswa kwendidizezi-vakalisi ezahlukeyo I | - Ukungabikho okuthile - Izivakalisi ezingaphelelanga | -Ukungabiko okuthile kwaphela - izivakalisi ezingenamdlala/ ezingacacanga |
| | (5) | 5 | 3-4 | 2 | ½ |
| 3 | Ukuncamathela ngqo kwisihloko ubude obufunekayo | - ukuncamathela gqo kwisihloko - Ukufikelela ngempumelelo kwinjongo - Ubude obufunekayo | - ukuncamathela/ukufikelela kwinjongo nakubude | - Ubhala isihloko esingafikeleli kwinjongo ngempumelelo nobude | - Ukuphuma tu kwisihloko - Ukubakude kwaphela |

AMANQAKU: (10)

UMBUZO 5

- 5.1.1 Xa sithetha ngoncwadi olududwayo sithetha ukuthi luncwadi olubonakalaliswa ngokwenziwa ngumqambi okanye abaqambi phambi kwabantu ababalulekileyo.
- 5.1.2 Ithetha into yokokuba uncwadi olu asiluqabuki ngokusuka sihlangane nezizwe zabelungu. Sasinalo olwethu kwamhlamnene koko lwalubaliswa ngomlomo kwizizukulwana ngezizukulwana. (3)
- 5.1.3 –Luncwadi olududwayo (4)
 –Uncwadi lwemveli luhamba nezijekulo (6)
 –Olunye uphawu kukuqweba.
- 5.1.4 -Izilwanyana zixoxa ngokwembiwa kwedama lamanzi. UDyaki uphuma ecaleni ngokuthi akasayi kusela kuloo manzi ukuba oofudwazana nooMaqaqa baza kumba nabo. Akubuzwa ukuba wosela phi na yena. Kungekudala iinyamakazi ziqwalasele ukuba ikho into egqiba amanzi kwagqitywa ekubeni kulalelwe ebusuku. Impunzi izinikele nezinye izilwanyana zayivuyela le nto ka mpunzi kuba zimthembile. Yaya ke impunzi ixhobe if amacala.
- Kwathi xa kusahlulelana ubusuku nemini impunzi yeva ingoma emnandi isitsho kanti nguDyaki. Kwathi kuba umpunzi lo linxila lengoma wacela impinda omnye waphendula ngelithi ingamnandi kanye xa anokumbopha imikhono nemilenze. Akugqiba ukusibopha isidenge esinguMpunzi, usixhaxhe wasibulala, wasel'amanzi wev' endleleni. Ngemini elandelayo zothuswa nguloombono izilwanyana kwaba nzima ke ngoku ukuba zivume ukuyolinda, de uFudo lwazinikela.
- Ezinye ngokumdela uFudwazana zanganda kodwa watyhudisa. Waya engaphathanga nesinye isixhobo wazifihla ematyeni. Weza kwakho uDyaki wabona ukuba akalindwanga, ke ingozi ayikho. Uthe xa uDyaki esithi nkxu impumlo weva esithiwa khinxi empumlweni wabe etshele uFudwazana exhathise ngamatye kwade kwasa.
- Wathathwa ke uDyaki wasiwa enkundleni yamatyala apho wagwetyelwa ukutshiswa ehleli, zaba ke zifumana ukuphumla izilwanyana ngedam lazo.
- Le nto yenziwe nguFudwazana ibonakalise ubukhalipha nobuchule bokusebenzisa ingqondo nangona ngenkangeleko ebonakala ukuba akangebi nawo amandla okumelana nengozi leyo ibe ivelele uMpunzi. (12)
- 5.1.5 Intsomi yimbalana yobuxoki ekunokuqhotyoshelwa kuyo izithethe zesizwe eso, okanye kubandakanywe inkcazelo zezishiqi zasendalweni okanye kusetyenziswe intlalo yezilwanyana ekusombululeni eyoluntu. (5)

[30]

OKANYE

UMBUZO 5.2

- 5.2.1 -Kukonwabisa
-Kukufundisa
-Kukuphumza abantu kwimbophelelo zendlela ezivunyiweyo zokuthetha
-Ukubethelela / ukuvuselela amasiko nezithethe zesizwe (4)
- 5.2.2 -Uphinda-phindo
-Izafobe
-Izifanekisozwi
-Ukulinganisa ngomzimba
-Umculo
-Amagama ambaxa
-Ukugingxithiza kwentetho (nasiphi na isine) (4)
- 5.2.3
(a) Yintloko
(b) Yinaliti xa ithunga
(c) Lihodi
(d) Yinaliti
(e) Yirhengqe (10)
- 5.2.4 Iqhina yintetho esekuhleni, ebhekiselele kwinto / isiganeko esaziwa nguwonke wonke, kanti eyona nyaniso yalo ikwekwiwe ngala mazwi anga asekuhleni. (2)
- 5.2.5 Ingonyama iqesha udyakalashi ukuba agcine abantwana bayo. Udyakalashi utya umntwana abe mnye ngosuku nto leyo ebangela ukuba angabazisi bonke ngaxesha linye ukuza kubonwa batyiswe nguNgonyama. Owokuqala ubephinda abe ngowokugqibela. Ekugqibeleni ubatya bonke abantwana udyakalashi aze atyhole imfene nje ngababulali yakuba nomsindo ingonyama, uyithembisa ukuba uyakwenza kangangoko anakho ukuba azifumane.
- Kungentsuku zatywala uhlangana neemfene udyakalashi, azicele ukuba zenze ikwayala. Uzifundisa iculo elintama ukuba zizo ezitye abantwana bengonyama.
- Njengombhexeshi uzicela ukuba ziculele ukumkani ungonyama, emzini wakhe. Zisacula kamnandi, zihlaselwa yingonyama izibulale. (10)
[30]

OKANYE**6.1.1 Solani**

Le ntetho iphawuleka kuSolani ohleli eludakeni iminyaka, usapho luxushwa yindlala, nothi akuqonda ukuba uyindoda yomzi nenendima enkulu ekujongeni usapho lwayo, asuke emaqandeni abolileyo, kutsho kuphile usapho lwakhe, ilali iyonke nesizwe siphela. Inxeba lobudoda lithunukwa ngumfazi (umfazi uthi makatshintshiselwe ngezinxibo nangendima amabazidlale) licikidwe ngumsebenzi wamakhwenkwe evenkileni eMonti, nazizithuko ngobuvila zonovenkile omqeshileyo ongumfazi

Simbona ke ngoku eqala into entsha. Uthenga iimbongolo ulima ngazo, athuthe athengise neenkuni. Uza neendlela eziphucukileyo zokulima ezingaqhelekanga ezilalini. Ulimo lunempumelelo, imveliso iyakhula. Kwanda imfuyo,, iinkuku, kutyalwa imithi yeziqhamo, kwakhiwa amachibi okunkcenkceshela. Kuthi kunjalo kuphucuke intlalo yabantu kuvuleleke nezithuba zemisebenzi. (10)

6.1.2 NTE

UNte usokola asokole ekukhuleni kwakhe, ehamba ecela, eboleka ngokuthunywa ngumama wakhe de acinge amacebo. Kuqala uzame iindlela zokuphila ukanti yayingekabi zizo.

Ude ke ekugqibeleni wavelisa icebo elililo lokuphila, eli lokuthengisa iziqhamo. Inkuthalo ekuthengiseni ibondla eziswini ide ibakhuphe kwintlalo yakwantshabalalo yakwaMekeni iyokubabeka ebungconweni eMdantsane. UNte akaphelelanga ekukhuthaleni nje ngokwalapha entengisweni uthe bakuzibona bephumelela nonina sele ebizwa unobhalansi yena waqhubela phambili ngokuqala enye into. Sahlukana nayeke ngokwalapha ebalini sele eqeqeshelwa ukukhanda imoto. (10)

6.1.3 Nozenza

UNozenza livila ngengqondo. Icebo lokuphumelela ekugxotheni indlala kukuba iibhokhwe zabantu azixhele. Kodwa iyabuya ingqondo akutshelwa zizicheku. Naanko ephaphatheka esiya eMonti, nalapho imeko ziyamxusha. Kodwa inyathelo alithabathileyo lokufuna ukuzinceda livuzwa ngokuba ade afunde umsebenzi akwazi naye abe uqeshiwe. Liphela ibali selelinenekazi eliphangelayo neligoduka ngempelaveki. (10)

OKANYE

UMBUZO 6.2

- 6.2.1 UNqaba (2)
- 6.2.2 Shawville esinaleni (2)
- 6.2.3 Nqaba no Tshandu (4)
- 6.2.4 UNqaba ubhaqa uTshandu efaka izitya ezimdaka kwindawo wayehlambila kuyo uNqaba. (4)
- 6.2.5 Kukuvutha, ufune abantu balwe (2)
- 6.2.6 UZamile (2)
- 6.2.7 Kukunzinyelwa yinto / yimeko. (2)
- 6.2.8 Mnumzana Zambhodla. (2)

- 6.2.9 Akakho owahlwayo lityala kuba kaloku lasuka laxhonywa ngonaphakade. (4)
- 6.2.10 Ayejonge ukuba ziti shala. (2)
- 6.2.11 Kwakukho iqela elalizingela bonke abafundi abafikayo apha eShawville lifuna ukubaxibisa izidanga nezidabane. Babexhentsiswa, babile bathi xhopho, ngamanye amaxesha de babethwe. (4)
- [30]**